


UTemo wayevuya. “Ndifuna ukulima ezam izityalo,” watsho. Utata wakhe wathi uza kumncedisa.

T3_4 Temo and the plant thieves_big book_X.indd 1 2021/11/04 20:16



Kuqala, basebenzisa umhlakulo oyifolokhwe bazama ukuba umhlaba uthambe.

Emva koko batyala isipinatshi, iiminqathe, iitumato kunye nembewu yeembotyi baze bazinkcenkceshela.





Ngenye imini uTemo wabona kusonakala esitiyeni sakhe. “Mama! Tata! Iibhokhwe zitya imifuno yam,” wakhala.



T3_4 Temo and the plant thieves_big book_X.indd 3 2021/11/04 20:16



UTemo kunye notata wakhe babiyela isitiya ngocingo. Kodwa, yhoo, iinkomo zalivula ngeempondo zazo isango!



T3_4 Temo and the plant thieves_big book_X.indd 4 2021/11/04 20:16



UTemo wafaka iqhaga esangweni. Kodwa ngoku yayiziintaka ezazisitya izityalo! Basigqumua ngenethi isitiya.



T3_4 Temo and the plant thieves_big book_X.indd 5 2021/11/04 20:16




Yathi yakuvuthwa imifuno,
uTemo wayifula waze
wancedisa umama wakhe
benza kunye isuphu emnandi
yesidlo sangokuhlwa.
Wayezingca kakhulu.



T3_4 Temo and the plant thieves_big book_X.indd 6 2021/11/04 20:16

